Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

UTYUMBO LWABAGQATSWA UKUBA BASEBENZE KWIKOMITI YEELWIMI YASENTSHONA KOLONI

lKomiti eSisigxina kwiMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo yePalamente yePhondo leNtshona Koloni, ngokuthobela icandelo 7 loMthetho weeLwimi waseNtshona Koloni (uMthetho 13 ka-1998), imemelela uluntu ngokubanzi ukuba lutyumbe abantu abafanelekileyo njengamalungu eKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni. Abatyunjwa abonyuliweyo baza kusebenza ixesha leminyaka emithathu kule-ofisi. lKomiti yeeLwimi iphonononga umgaqo-nkqubo weelwimi neminye imiba yeelwimi eNtshona Koloni kwaye isebenza kwisikhundla sengcebiso kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, iPalamente yePhondo nePan South African Language Board (PanSALB).

Isigunyaziso seKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni sichazwe kwizibonelelo zoMthetho wePan South African Language Board (uMthetho 59 ka-1995), uMgaqo-siseko weNtshona Koloni (uMthetho 1 ka-1998), uMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni (uMthetho 13 ka-1998).

Amalungu eKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni amakamele abasebenzisi beelwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni, ezi zezi: isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa, uLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika, kananjalo neelwimi zemveli ezazingaselwanga so ngaphambili zeNtshona Koloni.

Iimfuno: Abatyunjwa kufuneka babe ngabemi boMzantsi Afrika • Ubuncinane babe minyaka ingama-21 ubudala • Babe ngabahlali baseNtshona Koloni abasisigxina • Bamele ukwahluka kwezenkcubeko kangangoko kwabantu baseNtshona Koloni • Abagqatswa kufuneka babe noku. Kulandelayo: • Ukwazi ngokupheleleyo ubuncinane ezimbini kwezintathu iilwimi ezisemthethweni zaseNtshona Koloni • Osebenzayo okanye ulwazi lwemiba yeelwimi. Abagqatswa abaphumeleyo mabakwazi ukuzimasa ubuncinane iintlanganiso zocwangciso zeKomiti yeeLwimi kunye neentlanganiso eziliqela zeekomitana ngonyaka.

Utyumbo malwenziwe kwifomu yotyumbo echaziweyo kwaye malungeniswe ingadlulanga eye 12:00 ngo 14 Septemba 2018.

Izicelo zeefomu zotyumbo nayo yonke imibuzo ethile ingathunyelwa kuMnu Waseem Matthews (umnxeba: 021 487 1741, ifeksi: 021 487 1685, idilesi yeposi: PO Box 648, eKapa 8000, i-imeyile: wmatthews@wcpp.gov.za). Iifomu zotyumbo zikwafumaneka kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni eyile: www.wcpp.gov.za

Sikhutshwe nguMnu RD Mackenzie (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kwiMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo.

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid-Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Africa

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600

Human Communications (Cape) C143222